UMcebisi noMinqweno bayacotha endleleni. UMinqweno akaphilanga uMcebisi uyamkhapha baya kwiziko lempilo.





Abakhange balale kakuhle kuba uMinqweno ebetyatyaza ubusuku bonke. UMcebisi uzame amayeza amaninzi kodwa utyatyazo alukhange luphele.

Bayacotha kuba uMinqweno akakwazi ukukhawuleza. Uziva engenamandla, urhuqa iinyawo.





Bafikele kuMongikazi Khwezi kwiziko lempilo.

“Yintoni ingxaki. Kutheni nacotha kangaka?” Wabuza uMongikazi Khwezi.

“Mongikazi, oko ndityatyaza nangoku ndiziva ndityhafile,” uphendule uMinqweno.

“Yizani ndibone,” uMongikazi Khwezi wasondeza uMinqweno kuye.

“Imilebe yakho yomile kwaye ikrazukile. Vula umlomo.  Uva ukoma emlonyeni andithi?” wabuza uMongikazi uKhwezi.





“Ukhangeleka wethe amanzi emzimbeni. Loo nto ibangelwa sisifo sotyatyazo. Ndiyazibona zonke iimpawu zaso, namehlo akho atshonile,” wachaza uMongikazi Khwezi.

“Ezinye iimpawu zesifo sotyatyazo zezi:-

isisu esilumanyo, isicaphucaphu, ingqele nesiyezi,” wacacisa watsho uMongikazi Khwezi. “Wena zeziphi iimpawu ozivayo onazo?”





“Ndinazo zonke ezi uzixelayo Mongikazi Khwezi, ndithezeke amandla kwaye ndiziva ndibuthathaka,” wachaza uMinqweno.  Xa unesifo sotyatyazo sinciphisa umthamo wamanzi ekufuneka agcinwe ngumzimba wakho. Sikwanciphisa nezakha-mzimba ezibalulekileyo emzimbeni.

“Ungayilungisa le nto ngokubuyisela amanzi nezakhamzimba ezilahlekileyo emzimbeni,” ucacisile uMongikazi Khwezi.

“Ungenza umxube olula oncedisa uwabuyisela emzimbeni.”





UMongikazi Khwezi uthi; umntu ongawaseliyo amanzi uba nomlomo owomileyo aphelelwe nangamandla. Nantsi indlela yokwenza lo mxube kwaye ilula:

Bilisa amanzi uwalinde aphole.
Galela iikomityi ezine zamanzi kwijagi.
Galela amatisipuni amabini eswekile.
Galela elinye letyuwa, uzamise.


Ityuwa ibuyisela leyo ithe yalahleka emzimbeni. Amanzi abuyisela lawo athe alahleka emzimbeni. Iswekile yenza umzimba ukwazi ukufunxa yonke into.





“Abantwana basela iglasi enye ngoko nangoko. Emva koko basela iglasi emva kokuba siye sakhululeka isisu. Bandule ukusela iglasi rhoqo ngeyure,” uMongikazi uKhwezi uyalele uMinqweno noMcebisi.

“Abantu abadala basela iiglasi ezimbini ngoko nangoko. Emva koko basele ezinye iiglasi ezimbini xa sithe sakhululeka isisu. Emva koko basela iiglasi ezimbini kwiyure nganye,” uMongikazi Khwezi uqhubile ecacisa.





UMongikazi Khwezi unike uMinqweno noMcebisi ibhotile yalo mxube. Ukwathe kufuneka bazenzele owabo xa befika ekhaya. Uphinde wanika uMinqweno amakawusele ngelixa elapha.

Ukufika kwabo ekhaya, uMcebisi wakhawuleza wenza omnye umxube. UMinqweno wasela umxube qho ngeyure de waziva ngcono. UMinqweno wabulela kakhulu ngeengcebiso zikaMongikazi Khwezi.

